Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

APRELI 2016

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IOVERSTRAND IPHUME ISIXHENXE PHAKATHI KOMASIPALA ABALISHUMI ABAGQWESILEYO EMZANTSI AFRIKA

Isalathiso sofezekiso - msebenzi sikarhulumente esihlaziywe kutsha nje siphawula ukuba isithoba phakathi koMasipala abalishumi abagqwesileyo boMzantsi Afrika bami eNtshona Kapa, iSwellendam igqwesile kwaye iOverstrand yaphuma isixhenxe.

Esi salathiso sidwelisa bonke oMasipala bezixeko nabengingqi abangama-234 ngokwenqobo zokulinganisa ezahlukeneyo ezi-15, nalapho uhanjiso lwenkonzo linobona bunzima bukhulu. Oku kuthethwa ngako kuqulathe iimpawu ezisibhozo eziquka amanzi etepu, umbane, ugutyulo, ukuthuthwa kwenkukuma rhoqo, ulwakhiwo lwezindlu, izixhobo nezakhiwo zezempilo, ingxelo zamapolisa kunye nokufikelela kwimfundo esemgangathweni.

Ukongeza, umthamo wokufezekisa kaMasipala, impathontle yezimali kunye nokuthobela imithetho zikwaqukwa kudweliso, kwakunye nempawu zophuhliso zoqoqosho ezinjengobuhlwempu, amathuba emisebenzi kunye nomyinge yokungabikho kwemisebenzi kwingingqi.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthi impumelelo yeOverstrand ngaphandle kwamathandabuzo ivela kukuzinikezela ngokungathethekiyo kwabaqeshwa kunye nabaphathi ngokufanayo ukuze kuqinisekiswe uhanjiso lwenkonzo oluphezulu, noluquka wonke ubani ukuba enze kangangoko anako ukuqinisekisa ukuba iinkonzo neenkqubo zikamasipala ziyanakekelwa. Ngoku njalo uye wongeza ngelithi, ukuba ibingeyonxaso nasikhokelo esinikezwa ngobubele nguRhulumente wePhondo laseNtshona Kapa, konke oku ngekungakhange kwenzeke.

"Kodwa ke, siyayiqonda into yokuba izinto ezithile ziyakudinga ingqalelo yethu ekhawulezileyo khona ukuze sikwazi ukugcina isikhundla sethu kwixesha elizayo," utshilo uBotha-Guthrie. Ngokunokwakhe ezozinto zinxulumene ngqo nokunyuka komnyinge wentswelo-ngqesho kwakunye nokunyuka ngokothusayo kwenani labantwana abaphuma esikolweni ngaphambi kokugqiba ibakala le-12

"Njengomasipala, sisoloko sizama ukuphucula umgangatho wenkonzo esizinika uluntu lwethu, sidala imo yoqoqosho etsala utyalo mali kunye nemisela amaqonga adala imisebenzi efunekayo," utshilo uSodolophu.

Ukukhangela ngokukhawulezileyo iSalathiso soFezekiso-msebenzi sikaRhulumente esipapashwe kutshanje, tyelela http://citypress.news24.com/News/here-are-the-best-and-worst-municipalities-20160228.

ISAZISO SOLUNTU
YIBA NELIZWI MALUNGA NEEZOWUNI ZOMALEKO EZINDULULWAYO EOVERSTRAND

Isaziso sikhutshwa ngenxa yokuba iBhunga liqalise inkqubo yokuquka iizowuni zomaleko ezithile zommandla kwiskimu sokucandwa esihlangeneyo.

linkcukacha ezimalunga nesi sindululo ziyafumaneka khona ukuze ziphendlwe luluntu kuzo zonke iiofisi zikamasipala kunye namathala eencwadi ommandla waseOverstrand kwakunye nakwiwebhusayithi esemthethweni kamasipala.

Qaphela, kwakhona, ukuba iBhunga liceba ukuqhuba iiseshoni ezininzi zokuthetha noluntu ekuhambeni kukaEpreli ukuze lixoxe ukubandakanywa kwale mimandla yomaleko.

Jonga amaphephandaba engingqi kunye newebhusayithi esemthethweni yaseOverstrand ngeenkcukacha zemihla, amaxesha kunye neendawo zothethathethwano.

Kwangaxeshanye, nayiphi na imibuzo emalunga noku ingabhekiswa kwi-URBAN DYNAMICS WESTERN CAPE (PTY) LTD, PO Box 2445, Bellville 7535. Okanye ungaqhagamshekana ne-Urban Dynamics ngokutsalela kwa-011 482 4131 okanye ngokuthumela i-imeyili ku-jaco@udwc.co.za.

UHLAZIYO KWIPROJEKTHI YOKWAKHIWA KWEZINDLU

Ngokubambisana kunye nearhente eyakhayo, iMotlekar, uMasipala waseOverstrand uthe wakwiphulo leeprojekthi ezininzi ezahlukeneyo zokuhlangabezana nesidingo esikhulu solwakhiwo lwezindlu oluqhubekekayo kulo mandla. NgokwesiCwangciso soPhuhliso oluHlangeneyo sikaMasipala seminyaka emihlanu sakutshanje, ubonelelo ngezindlu kunye neenkonzo ezingundoqo ezipheleleyo ziinzame zexesha elide neziya kufezekiswa ngokwezigaba ngoncedo lwezimali ezabiwa nguRhulumente waseNtshona Kapa.

Njengesigaba sokuqala, ukufakela iinkonzo kumanxiwa atyunjelwe ukwakha izindlu kwaqala ngesithuba somnyaka-mali u2014/15 kwaye, ngaphandle kweNxiwa C2 eSwartdam Road kunye neNxiwa loLawulo loLwakhiwo lweziNdlu, wonke amanye amanxiwa athe aggitywa ekupheleni kukaMatshi 2016.

Ukwakhiwa kwezakhiwo ezingaphezu komhlaba kwiNxiwa B eSwartdam Road kuya kwaqala ngoJulayi 2016 kwaye, ukuba iSebe loHlaliso loLuntu lithe laphumeza, kulindeleke ukwakhiwa kwezakhiwo ezingaphezu komhlaba kwiNxiwa C2 kwakunye nakwintsalela yamanye amanxiwa kuqale kunyaka-mali ka-(2016/2017).

Ithebhuli yenkcazelo elapha ngezantsi idandalazisa inkqubela esele yenziwe ukuza kuthi ga ngoku kwakunye nemihla eqikelela ukuba kugqitywe ngayo:

2015/2016 IPROJEKTHI	**INOMBOLO YEEYUNITHI**	**IYA KUGQITYWA NGE**
eMount Pleasant	172	31 Matshi 2016. Inikezelwe ngoEpreli 2016 ukubheka phambili.
eSwartdam Road iNxiwa A	48	31 Matshi 2016. Inikezelwe ngoEpreli 2016 ukubheka phambili.
iNxiwa iGarden	58	Ukwakha kuqala ngoMatshi 2016.
iNxiwa loLawulo (ummandla wongcucalazo)	125	Ukwakha kuqala ngoEpreli 2016 akukho kudluliselwa kubandakanyekayo ngenxa yokuba eli nxiwa liza kusetyenziswa njengendawo yokuhlala okwethutyana kangangeminyaka emihlanu.
2016/2017 IPROJEKTHI	**INOMBOLO YEEYUNITHI**	**IYA KUGQITYWA NGE**
iNxiwa iGarden	58	Ukugqitywa kuqikelelwa ngoDisemba Unikezelo luqala ngoJanyuwari 2017. ukubheka phambili.
iNxiwa loLawulo (ummandla wongcucalazo)	125	Novemba 2016. Akukho kudluliselwa kubandakanyekayo ngenxa yokuba eli nxiwa liza kusetyenziswa njengendawo yokuhlala okwethutyana kangangeminyaka emihlanu.
eSwartdam Road iNxiwa B	131	Ukwakha kuqala ngoJulayi 2016. Kuqikelelwa ukuba kuya kugqitywa ngoJuni 2017.
iNxiwa C2 eZwelihle	132	Ukwakha kuqala ngoJulayi 2016. Kuqikelelwa ukuba kuya kugqitywa ngoJuni 2017.

"UMNTWANA OKWAZI UKUFUNDA NGUMNTWANA ONEKAMVA"

- isaci esenze ithala lencwadi iMount Pleasant liwongwe njengeThala lencwadi loLuntu: iiNkonzo zaBantwana

Unoncwadi oyintloko ozingcayo, uMiralda Coert, unikeze ngewonga kuSodolophu, u Nicolette Botha-Guthrie, kwintlanganiso kaSodolophu ebihleliwe ngolwesithathu we - 24 Februwari 2016. Ekunxele koNks Coert ngu Don Kearny, Umphathi womMandla: Hermanus no Desiree Arrison, umLawuli weNkonzo zoLawulo kunye.

Malunga no-2011, abasebenzi beThala lencwadi iMount Pleasant baqala inkqubo yokufunda incwadi ukuphuhlisa izakhono zokufunda zabasebenzisi beThala lencwadi - ngakumbi ezabantwana. Ekuqaleni, le nkqubo ibijolise ebantwaneni basekreshi i Vrolike Vinkies emi ecaleni leThala lencwadi.

Abantwana abangama-60, ababudala bukwiminyaka emithathu ukuya kwemithandathu, bangena iseshini zobaliso mabali elikwinqanaba lobudala babo kwaye kwangoko kwamenywa ezinye iKreshi ezintathu ukubana zibeyinxalenye yezonkqubo. Kusetyenzwe ngesicwangciso maxesha, kule mihla izikolo ziyandwendwelwa rhoqo ngeveki nalapho kuqikelelwa ukuba abantwana abangama-300 bayazuza kule nkqubo rhoqo ngenyanga.

Ukuphawulwa kwempumelelo negalelo eligqwesileyo, iSebe lemiCimbi yeNkcubeko nemidlalo eNtshona Kapa kutsha nje liye lazisa ukuba iThala lencwadi iMount Pleasant lithatyathwa njengelona Thala lencwadi ligqwesileyo kwiphondo kwindima yenkonzo zabantwana. Ezilandelayo ibe liThala lencwadi loLuntu iBrooklyn ne Valhalla, omabini akwisiXeko saseKapa.

KUHLAZIYWA ISIKOLO SEMIDLALO IBEVERLEY HILLS

Isithethe sohlahl-lwabiwo-mali sithi iwadi nganye kwiOverstrand inikezwa malunga nama-R400 000 kusenzelwa iiprojekthi ezikulo wadi.

Kutshanje, iWadi 2 eGansbaai ithe yaphonononga iprojekthi ebikade ixhaswa ukuba iqhuba njani na kwaye ifumanise ukuba iya kuba kukubambisana ukuze kugcinwe eli ziko lingatshoni.

Ukujonga imvelaphi, kwiminyaka elishumi edlulileyo xa kwakudilizwa izakhiwo zoosomashishini abangabhaliswanga eHermanus, izixhobo zokwakha ezafunyanwa apho kokokudiliza zasetyenziselwa ukwakha ikhantini apho amahlwempu aseBeverley Hills (eBlompark) angaya khona xa edinga okuya ngasethunjini.

Ngokumangalisayo, ke kodwa, kwa esi sakhiwo sinye esingumlinganiselo ongekho ngaphezu kwe-30m², sithe saguqulwa sasisikolo semidlalo.

Sibulela kumagosa kunye namavolontiya (ngakumbi umbutho ongekho ngaphantsi kukarhulumente ozibiza ngegama le-SHARE nosebenza phantsi kwesandla sikaPasta Frikkie Zeelie), eli tyotyombe lithe lahlaziywa kanobom: Amadonga easbhestosi akhutshwa, iifestile neesilingi zafakelwa, kwaye isakhiwo siye sapeyintwa ngaphandle nangaphakathi.

Ngale projekthi, ngokukaceba kaWadi 2, uRiana de Coning, icacisa into yokuba abantu baseOverstrand bangenza nantoni na edingekayo ukuxhasa abo banezidingo kwaye baqinisekise ukuba bakhuselekile.

Ukufunda banzi ngeeprojekthi ezingoluntu kummandla kwakho, funda isiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo saseOverstrand ku-www.overstrand.gov.za

UNGAYIPHEPHA NJANI IRHAFU KWAYE ULONDOLOZE IPLANETHI

- kwaye, ewe, isemthethweni!

Kwintetho yohlahlo-lwabiwo-mali yokugqibela, umPhathiswa weziMali uPravin Gordham uyifake ngokuthuleyo irhafu yeebhegi zeplastiki enyuka ukuya kwiisenti ezisibhozo ukusuka kwezintandathu ngebhagi.

Yathi yangeniswa ngo-2004 ngowayesakuba ngumPhathiswa wemiCimbi yokuSingqongileyo, uVali Moosa, ingcamango yale rhafu yayikukufumana izimali eziya kuqhuba iinkqubo zemfundo kunye nosetyenziso ngokutsha okuya kwenza uluntu lonke ukuba lusebenzise kwaye lulahle iibhegi zeplastiki ngendlela efanelekileyo.

Phakathi kuka-2004 ukuya ku-2014, le rhafu yenze i-R1.2 yeebhiliyoni kodwa ngelishwa malunga nama-R200 ezigidi kuphela athi asetyenziselwe iiprojekthi ezingokusingqongileyo.

Nangona kunjalo, ngokuthi "hayi" kwiibhegi zeplastiki ezisetyenziswa kanye, awusayi konga kwirhafu kuphela kodwa unceda nokusingqongileyo - ngakumbi izilwanyana zaselwandle kumanxweme amahle nezisoloko zingamaxhoba angaqondakaliyo osetyenziso lweplastiki olungenangqiqo olwenziwa ngabantu.

Isisombululo silula: Fumana iibhegi zokuthenga ezivenkileni ezinokusetyenziswa kwakhona. Emva koko guqula usapho, abahlobo kunye noogxa bakho emsebenzini ukuba benze njalo.

Kungcono ukuba uneshishini, bhengeza ivenkile yakho ummandla ongasebenzisi iibhegi zeplastiki.

USodolophu waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie, uphume iphulo lokwenza iOverstrand umasipala wokuqala ezweni apho ungasokuze ufumana ibhegi yeplastiki ekuthengwa ngayo ezivenkileni.

Nanjengoko usazi ngoku ukuba ungaphepha "ngokusemthethweni" ukungahlawuli irhafu engeyomfuneko, kutheni ungasijoyini kweli phulo lethu?

UMHLALI WASEVOËLKLIP UFUMENE ENYE IGOLIDE KUMBONISO WOBUGCISA BOLIMO-SITIYA WE-ROYAL HORTICULTURAL SOCIETY ELONDON

UMargaret de Villiers osemfanekisweni ukwi-2016 Royal Horticultural Society's London Botanical Art Show

IOverstrand iyazingca kakhulu ngomhlali waseVoëlklip, uMargaret de Villiers, ophumelele kutshanje imedali yegolide yesibini kumBoniso wobuGcisa boLimo-sitiya weRoyal Horticultural Society, ebiseLondon. UMargaret akanyusanga nje iflegi yaseOverstrand phezulu, kodwa ukwa kukuphela komntu ovela eMzantsi Afrika ofumene iwonga lokukhuphisana kweli qonga lamazwe ngamazwe elibalaselayo.

Ukusuka ngo-2013, uMargaret wafumana ukwamkelwa ngesakhono solimo-sitiya kunye noshicilela isidalwa iErica esifumaneka kumagolongxa aseOverstrand.

Ekufumaneni ngale mpumelelo, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe wavuyisana noMargaret kwaye uthe akakwazi kuzibamba kodwa kwavakalisa uvuyo "lokuba omnye wethu uthe wagqwesa kuninzi lwabakhuphisana kumazwe ngamazwe ngokuphumelela igolide egameni loMzantsi Afrika".

Uqhube kakuhle , Margaret, kwaye enkosi ngokumela ilizwe lakho kunye nommandla wethu ngale ndlela intle kangaka!

YOUNG CELLIST SET TO ENTHRAL

Overstrand Arts/Kunste (OAK) will host the very talented young Russian cellist, **ALEXANDER RAMM**, in concert on Sunday afternoon 1 May. When this virtuoso with his outstanding technique visited us in 2012, he swept audiences away to a world where no words are necessary! Ramm will be accompanied by well-known SA pianist, **PIETER JACOBS**, who himself has won several international piano competitions. They will perform the Cello Sonata, Op. 119 (1949) by Prokofiev, Le Grand Tango for cello and piano by Piazzolla, the Cello Sonata in D minor (1915) by Debussy, as well as the Cello Sonata in D Minor, Op. 40 by Shostakovich.



Alexander Ramm

Pieter Jacobs

The concert starts at 15:30 and tickets are R120 (R60 for students). Book at BELLINI on 028 312 4988. Further enquiries can be directed to Secretary René du Plooy on 082 940 4238.